



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 11**

**NOVEMBA 2019**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 1**

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: iiyure 2**



---

Olu viwo lunamaphepha ali-13.

---

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:  
ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)  
ICANDELO B: Isishwankathelo (10)  
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (30)
2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.
3. Phendula YONKE imibuzo.
4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.
6. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kweli phepha lemibuzo.
7. Shiya umgca emva kwempendulo nganye ukuze umsebenzi wakho ungaxinani.
8. Qwalasela ngeliso elibukhali upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
9. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:  
ICANDELO A: Imizuzu engama-50  
ICANDELO B: Imizuzu engama-30  
ICANDELO C: Imizuzu engama-40
10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

**ICANDELO A: ISICATSHULWA SOKUQONDA****UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA**

Funda ISICATSHULWA A, uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**ISICATSHULWA A****UMABONAKUDE**

- 1 Bambalwa abantu abangamaziyo okanye abangambukeliyo umabonakude, ingakumbi kwabo bahlala nabasuka edolophini. Impucuko yaseNtshona isenze sabona, sazi izinto eziqhubeka kwamanye amazwe nesingazange siye kuwo. Kudala eyona nto yayibalasele eyayimanyelwa yayingunomathotholo. Ngoko kwinkoliso yabantu abaNtsundu isitishi esasixhaphakile yayinguRadio Xhosa eseyibizwa ngokuba nguMhlobo Wenene ngoku. Abantu babebacula, bebazi abasasazi neenkqubo zabo. Ngoku bathanda ezi nkqubo zinomculo eziqhutywa ngabasasazi abathile abafana noTsidi, uKC akaphoswa uthandwa ngomncinci nangomdala. Ndiyaqiniseka abanye emva kwenkqubo kaKC xa kungena Isikhokelo Semfundo esi bebemele ukuba bayasimamela abafundi, sebebaleka beleqa umabonakude kuba sekuqala ii-soapies. 5 10
- 2 Inguqu yenze sabukela oomabonakude, yangabo abathatha indawo kanomathotholo nendawo yoomakhulu ababehlala nabazukulwana babo bababalisele iintsomi ngexesha langokuhlwa. Oomakhulu bangoku abasabalisi zintsomi, nabo bagilana nabazukulwana kuleqwa u-*The bold and the beautiful*, u-*Days of our lives*, *Isidingo*, *Backstage* noo-*Generations*. Inkoliso yeembiza eziphekwa ngeli xesha ziba selishweni lokutsha. Omnye umntu usebenzela ukuba zithi ziqala ezi nkqubo zibe iimbiza sele zivuthiwe, ukuze angazokuphazanyiswa. Okunye ukutya akuphekwa kakuhle, kudadiswa emanzini okanye emafutheni kusetyenzelwa ukuba lithi lifika ixesha lokuqala kwee-soapies kube sele kuvuthiwe. Kufuneka sazi ukuba yonke into ngobukho bayo iyakwazi ukulungisa, kanti kwale nto inye iyakwazi ukonakalisa, kuxhomekeka indlela esetyenziswa ngayo. 15 20 25
- 3 Uphando lubonisa ukuba umabonakude usisixhobo sokufundisa nesiphucula ulwazi lolwimi, unxibelelwano nobuchule bolwimi. Uthi umntwana engazange awubeke umcondo wakhe esikolweni, kungazange kubekho nomntu othatha inxaxheba yokuba amfundise, ngokusoloko ebukele umabonakude uve sele ethetha isiNgesi. Zikhona iinkqubo zoonomggqushwana ezifana noo-*Takalane Sesame* apho zininzi izinto abanokuzifunda nangona zibonwabisa. Umabonakude usenza sinxibelelane nelizwe liphela, kwande nolwazi lwethu. Bayaluthanda nolu lwimi lukamabonakude lungesiso isiXhosa. Wofika xa bethetha naxa bebhala bekhala ngodlame endaweni yobundlobongela, ingculaza endaweni kagawulayo, umndeni endaweni yosapho. La magama bade bacinge ukuba amkelekile esiXhoseni kanti akunjalo. Bawasebenzisa naxa bebhala esikolweni. 30 35

- 4 Umabonakude unegalelo elikhulu kubomi bekhaya. Yonk' into kubonakala ukuba ihambisana nomabonakude. Akusatyelwa nasezitafileni kunye ngoku isidlo sangokuhlwa. Loo nto ivimba abazali ithuba lokwazi nokufunda nzulu ngabantwana babo. Abanye abantwana bade bazivalele emagumbini abo okulala, umntwana akafuni kuphazanyiswa. Kufuneka ubaleke emva kwabo xa begqib' ukutya ukuba mabahlambe izitya. Maxa wambi wena mzali uye walala phambi kwethuba, uya kubona kusasa ukuba akukhange kuhlanjwe zitya, inokuba babukele umabonakude bayeka ngokuthanda kwabo. Embi nentle eqhubekileyo emntwaneni wakho ngexesha esesikolweni, ingakumbi ongesosithethi, awunathuba lokuyiva. Ukuba umntwana wakho unengxaki uyibona sel' ivuthiwe, yendele, sele ineengcambu, ungakhange ube nalo ithuba lokuba uzibonele wena mzali isaqala. 40 45 50
- 5 Ukubukela umabonakude kakhulu kuyabadodobalisa abantwana abancinci. Enye yezinto ebenza batsale nzima ezikolweni ngumabonakude. Xa usengumntwana ukudlala yeyona nto ikukhulisa kakuhle ngokwasengqondweni nasemzimbeni. Ukudlala nabanye abantwana abaziintanga zakho zininzi izinto ozifundayo ubungazazi. Xa ubukele umabonakude akukho uthetha naye, akufunekanga uphazanyiswe, uba lugcwabevu ngumsindo. Ulwimi olu uluncanca ebeleni luyadodobala kuba ufunda ulwimi lukamabonakude. Xa udlala nabanye abantwana bohlanga lwakho abalingana nawe ngeminyaka ufunda indlela abathetha ngayo. Luyakhula ngokukhawuleza ulwimi lwakho lwemveli. Loo nto ubokuyibona kumntwana omncinci oyedwa kowabo ulwimi luthatha kade ukukhula kunomntwana apho baninzi kowabo. 55 60
- 6 Kufanelekile ukuba umzali xa ebona ukuba iinkqubo ezithile azilunganga, ahlale nabantwana bakhe abaxelele izizathu zokuba abone njalo. Xa esoloko ebaxelela enganiki zizathu zokuba angafuni bazibukele baza kumane beziba engekho okanye elele. Kubalulekile ukukhuthaza ukudlala ebantwaneni ngaphezulu kokubukela umabonakude, ngakumbi xa behleli nabahlobo babo. Abazali mababe nemithetho engqongqo nengqingqwa malunga nokubukelwa komabonakude. 65 70

[Sicatshulwe kwincwadi ethi 'YOPHULE IYATSHA!' ebhalwe ngu P. Gajana, amaphepha 26–35, saze sahlelwa]

## JONGA KUMHLATHI WOKU-1

- 1.1 Ngokoluvo lombhali yintoni le isenze sabona, satsho sazi izinto eziqhubeka kwamanye amazwe? (1)
- 1.2 Xela amagama abasasazi abaBINI boMhlobo Wenene abakhankanywe ngumbhali kulo mhlathi. (2)
- 1.3 Ucinga ukuba sithini isizathu sokuba abafundi bangasimameli Isikhokelo Semfundo? (2)

## JONGA KUMHLATHI WESI-2

- 1.4 Caphula ibinzana elibonakalisa ukuba oomakhulu abasayidlali indima yabo ngokwenkcubeko yakwaNtu. (1)
- 1.5 Kuphuhlisa ntoni ukugilana koomakhulu nabazukulwana xa kuleqwa oo-*Backstage* noo-*Generations*? (2)
- 1.6 Kunafuthe lini ngokwasempilweni ukuleqwa kweenkqubo zikamabonakude ngexesha lokupheka? (2)

## JONGA KUMHLATHI WESI-3

- 1.7 Ucinga ukuba loluphi ulwimi oluxhaphake kumabonakude olusondele esiXhoseni, noluthi lube nefuthe elingathandekiyo kubantwana abantetho isisiXhosa? (2)
- 1.8 Ithini ingcamango ephambili evezwa ngumbhali kumhlathi wesi-3? (2)

## JONGA KUMHLATHI WESI-4

- 1.9 Nika intsingiselo yebinzana 'ubaleke emva kwabo' njengoko lisetyenziswe kumhlathi wesi-4. (2)
- 1.10 Kutyhila ntoni ukusetyenziswa kochasaniso kwesi sivakalisi silandelayo:   
'Embi nentle eqhubekileyo emntwaneni wakho ngexesha esesikolweni, ingakumbi ongesosithethi, awunathuba lokuyiva.' (2)

## JONGA KUMHLATHI WESI-5

- 1.11 Ingaba uyangqinelana noluvo lombhali oluthi, 'ukubukela umabonakude kakhulu kuyabadodobalisa abantwana abancinci'? Xhasa impendulo yakho. (2)

## JONGA KUMHLATHI WE-6

- 1.12 Xela isakhi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo.   
  
'Xa esoloko ebaxelela enganiki zizathu zokuba angafuni bazibukele baza kumane beziba engekho okanye elele.'

Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

- A Sisakhi sokuzenza  
B Sisivumelanisi sentloko  
C Sisivumelanisi senjongosenzi  
D Sisakhi silanduli. (2)

## JONGA KWITEKISI YONKE

- 1.13 Ufunde ntoni kwesi sicutshulwa? (2)

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

Phendula imibuzo esekwe kulo mfanekiso ungezantsi.



[Ucatshulwe kwi-intanethi [www.googlesearch.com](http://www.googlesearch.com)]

- 1.14 Ucinga ukuba enza ntoni amantombazana amabini angaphambili kulo mfanekiso ungasentla? (1)
- 1.15 Nika isizathu sempendulo oyinike ku-1.14 ngasentla. (1)

**ISICATSHULWA A no B**

- 1.16 Caphula umqolo kumhlathi wesi-6 wesicatshulwa A onentsingiselo etolika okusemfanekisweni kwisicatshulwa B. (2)
- 1.17 Xa uthlekisa uluvo lombhali ngabantwana athetha ngabo kumhlathi wesi-4 wesicatshulwa A kunye nokwenziwa ngabantwana abakwisicatshulwa B, ungathi yeyiphi indlela eyiyo yokukhula kwabantwana? Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

**ICANDELO B: ISISHWANKATHELO****UMBULO 2: UKUSHWANKATHELA NGAMAZWI AKHO**

- Funda ngocoselelo esi sicutshulwa singezantsi uze ushwankathele ngamazwi akho ungacaphuli ngqo kwitekisi.
- Impendulo yakho mayingadluli kumagama angama-70.
- Shwankathela **ngokomhlathi kuphela**, kodwa isishwankathelo sakho masiquke iingongoma ezi-7. (7)
- Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli.
- Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko sesishwankathelo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko. (3)

**ISICATSHULWA C****INGABA IINTLONI ZIYAMTHINTELA UMNTWANA WAKHO?**

- 1 Yinto eqhelekileyo ukuba umntwana azive enxunguphele kwaye ezibekile ngamanye amaxesha. Loo nto ibangelwa kukuba abanye abantwana bathatha ixesha ukubacacela abantu abangabaziyo kunye neemeko ezibadibanisa nabantu. Loo nto ingabangela ixhala kuba ichaphazela ubomi babo.
- 2 Uninzi lwethu luye lwakwiimeko apho umntwana ezimela xa kukho iindwendwe okanye ajame xa ebuliswa, kwaye abanye abafuni ukujongana nomntu ngamehlo okanye ukuthetha. Rhoqo abazali bayakhawuleza ukuthi umntwana uneentloni baze bamxolisele. Ndisoloko ndizibuza ukuba akungokuba le nto yenza umntwana acinge ukuba wenza into engalunganga na?
- 3 Abantwana abafani kwaye kufuneka yamkelwe indlela abayiyo kuba ubuchule bokubaphakathi kwabantu abudalwanga, bufuneka bufundiswe. I-*psychologist* u-Tracy Smith ukholelwa ukuba indlela ozithatha ngayo kwiintloni zomntwana wakho yiyo ekhokelela kwindlela aziva ngayo.
- 4 Kufuneka uyiqwalasele indlela umntwana aziphatha ngayo, ngaphambi kokuba uthi uneentloni. Abanye abantwana bathatha ixesha ukuzibandakanya, abanye bayayiyeka loo nto xa bekhula ngexesha bekwisikolo samabanga aphantsi, ukanti abanye iintloni zabo ziye ziqatsela njengokuba bekhula nje.

- 5 Ukuba umntwana wakho akanabo ubuchule bokuba phakathi kwabantu, luxanduva lwakho ukuba umfundise ngaphandle kokumgweba. Njengokuba unceda umntwana afunde ubuchule bokuziphatha phakathi kwabantu qinisekisa ukuba ukhululekile, kwaye ugcine umgama ukwenzela ukuba aziqondele ngokwakhe.
- 6 Kucetyiswa ukuba abazali babalise awabo amabali okuba benze njani ukuphelisa iintloni, bakhuthaze abantwana ukuba baqalise ukuzixuba nabanye abantu nokuba baziphendulele ngokwabo. Uninzi lwabantwana abaneentloni baba neentloni naxa beneshumi elivisayo. Loo nto ibangelwa ngabazali abaye bakuvumela oku kuziphatha endaweni yokubafundisa ukuziphatha phakathi kwabanye abantu.
- 7 Ayikokuphela kwehlabathi xa umntwana eneentloni, kodwa ukuba ziyaqatsela kuza kufuneka umzali afune uncedo kwiingcali. Abanye abantwana bayakonwabela ukwenza imisebenzi abaza kuyenza bebodwa njengokubhala, ukuzoba kunye nokufunda. Ayikho imfuneko yokubanyanzela ukuba bazixube nabanye xa bekonwabela oko.

[Sicatshulwe kwimagazini i 'BONA, Matshi 2019, amaphepha 42–43, saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI****UMBUZO 3: UKUHLALUTYA INTENGISO**


Funda le ntengiso ingezantsi (ISICATSHULWA D) uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

**ISICATSHULWA D**

**ABANTWANA**

**BAKHUSELEKA NGCONO XA  
BENGAPHANDLE**

**KUNASEMAKHAYENI ABO.**

 **Save the Children**

[Sicatshulwe kwi-intanethi [www.googlesearch.com](http://www.googlesearch.com), saze sahlelwa]


- 3.1 Xela igama lequmrhu lale ntengiso. (1)
- 3.2 Ijoliswe koobani le ntengiso? (1)
- 3.3 Xela isizathu esibangela ukuba igama 'ABANTWANA' libhalwe ngoonobumba abakhulu. (2)
- 3.4 Ingaba uyangqinelana noluvo lomyili wale ntengiso oluthi: Abantwana bakhuseleka ngcono xa bengaphandle kunasemakhayeni abo? Xhasa impendulo yakho. (2)

- 3.5 Chonga igama elibonakalisa isenzeko kule ntengiso. (2)
- 3.6 Linxulumana njani igama elibhalwe ngoonobumba abakhulu kunye nomfanekiso okule ntengiso? (2)
- [10]**

**UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI**

Kha ujongisise okwenzeka kule khathuni ingezantsi wandule ukuphendula imibuzo esekwe kuyo.

**ISICATSHULWA E**



[Icatshulwe kwi-intanethi [www.googlesearch.com](http://www.googlesearch.com), yaze yahlelwa]

- 4.1 Babonakala bephi aba bantu bakule khathuni? Zathuza (2)
- 4.2 Lubonakalisa ntoni uphawu lwesikhuzo olukwintetho yesithethi kwiqam loku-1? (2)
- 4.3 Nika isizathu esibonakalisa ukuba akukho mvisiswano kweli khaya malunga nokusetyenziswa komabonakude. (2)
- 4.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.  
Nika intsingiselo yentetho ekwiqam lesi-2 ethi 'ndibaze iindlebe'  
A Nditweze iindlebe  
B Ndimamelisise  
C Ndiqwalasele  
D Nditsale iindlebe (1)
- 4.5 Abonisa ntoni amachaphaza amathathu kwintetho ekwiqam lesi-4? (1)
- 4.6 Ingaba uyangqinelana nendlela acinga ngayo umlinganiswa okwiqam lesi-3? Zathuza. (2)

**[10]**

**UMBULO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO**

Funda ISICATSHULWA F, esineempazamo ezithile ezenziwe ngenjongo, uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**ISICATSHULWA F****IMBEKO**

- 1 Imboko asiyiyo nanto ukuba yigolide kwaXhosa. Yiyo loo nto ongenayo engabalelwa bantwini, nqwa nebhuxenge lesilambi. Imboko le yendele nzulu ebomini besiXhosa, yaye ibutyhutyha bonke ubomi boluntu ukususela ebantwaneni ukuya kutsho ezinkondeni ezitshotshobela ngasemangcwabeni azo. Phofu esona siphelo asibubo budala kuba ezi nkonde zisebenzisana nezinyanya. Andithi ilizwi lesinyanya alizanga lawa phantsi kwaXhosa? Ukuba igqirha lithe izinyanya zifuna kwenziwe oku noku, akusoze kungenziwa.
- 2 Uthi wakubhekisa ezantsi ukucinga ngeempembelelo zembeko ebomini kwaXhosa, ube nomoya wokuthi mhlawumbi ookhokho bookhokho abaseka obu bomi, ukuba kukho into enjalo, beva iMvana xa yayisithi, "Banoyolo **abenza** ubulungisa kuba baya kubizwa ngokuba bangabantwana bakaThixo bona". Ndinalo mcamango kuba ndisazi ukuba imbeko yendele nangaphezu kobuthixo kwaXhosa.
- 3 Uxolo lungekho kuyaliwa, akuvanwa, kuyathiywana. Kuthi kwakuba nje ke kungabikho luvelwano naluncedwano. Ezi mpawu singathi zezabo bayimigqakhwe eZulwini. Isiseko semboko sisekhaya. Umzali okwaziyo ukuqeqesha umfundisa umntwana wakhe ukuba angathi mama kuye qha, koko nakuwuphi umfazi osesithubeni sakhe.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi 'NDITHUNGILE SELANI' ebhalwe ngu-D.V. Tom, iphepha 95, saze sahlelwa]

- 5.1 Nika isithetha-ntonye segama '**imbeko**'. (1)
- 5.2 Bhala igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi libe kwimo evumayo.  
'Yiyo loo nto ongenayo engabalelwa bantwini ...' (1)
- 5.3 Xela intsingiselo ephuhliswa ligama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi.  
'... ukuya kutsho ezinkondeni esezitshotshobelela ngasemangcwabeni azo.' (1)
- 5.4 Nika intsingiselo yebinzana elikrwelelwe ngaphantsi njengoko lisetyenziswe kwisicatshulwa.  
'Andithi ilizwi lesinyanya alizanga lawa phantsi kwaXhosa?' (1)

- 5.5 Bhala igama elibhalwe ngqindilili kumhlathi wesi-2 libe kwixesha eliya kuza. (1)
- 5.6 Guqula le ntetho-ngqo ilandelayo ibe kwingxelo-ntetho.  
Umbhali uthi, "Ndinalo mcamango kuba ndisazi ukuba imbeko yendele nangaphezu kobuthixo kwaXhosa." (2)
- 5.7 Xela umsebenzi wesimelabizo esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esilandelayo.  
'Ezi mpawu singathi zezabo bayimigqakhwe ezulwini.' (1)
- 5.8 Sebenzisa igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esiphuhlileyo linike intsingiselo eyahlukileyo kuleyo ikwiscatshulwa. (2)  
'Uxolo lungekho kuyaliwa, akuvanwa, kuyathiywana.'
- [10]

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**  
**AMANQAKU EWONKE: 70**





